


### Inside this issue

**MOTIVATION:**  
ICEBISO LIKA ADAM (ALAYHI SALAAM)

**BIOGRAPHY:**  
HAZRAT UTHMAN  
RADHIALLAHU ANHU

**IMIBUZO NEEMPENDULO:**  
HANA FIQH



### LATEST XHOSA PUBLICATION

#### TAYSEERUL AQAID

Basic Islamic Beliefs in the  
Xhosa language

Download pdf or audio:

<http://alhidayah.co.za/tayseerul-aqaaid/>

### XHOSA RESOURCES:



**XHOSA TAFSEER AUDIO**  
<https://archive.org/details/XhosaTafseer>



**XHOSA NEWSLETTER**  
<https://archive.org/details/IlizwiLeIslamXhosa>

# UKUBALULEKA KWENYANGA YE SHAWWAL

Lowo uthi azile ukutya ngenyanga yeRamadhaan emva koko azile intsuku ezintandathu kwinyanga lowo wenza oko uyafana nalowo uthe wazila unyaka wonke." (Muslim)

IShawwal yinyanga yeshumi kwiKHalenda ye Islam, kuba inyanga ephambi kwayo iyinyanga yeRamadhaan eyayisakwaziwa nangexesha lamandulo ngobungcwele. Inyanga yeShawwal ngeli xesha yayisakuthatyathwa njenge nyanga eqalekesiweyo nele lishwa. Ukukhaba onke lo mampunge siyabona ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wakhetha ukutshata no Aisha RadhiAllahu Anha ngenyanga yeShawwal ukubonisa ukuba akukho nto injalo.

UHazrat Aisha RadhiAllahu Anha uthi wathi URasoolullah Sallallahu alayhi wasallam: Xa ifika imini ye Eid, u-Allah ngokuzingca ubuza kwiNgelosi nezicaka Zakhe ebezi zilile ukutya: Owu ziNgelosi Zam, yintoni umvuzo womsebenzi xa e the wagqiba ukuwenza umsebenzi wakhe ngokugqibeleleyo? IINGelosi ziphendula, O Rabb kufanele ukuba awufumane ngokupheleleyo umvuzo wakhe, emva koko u-Allah abuze kwiiNgelosi, Owu ziNgelosi Zam yintoni na umvuzo wezicaka Zam ezingamadoda nezingabafazi eziwuzalisekise ngempumelelo umyalelo wam ongcwele obulunyanzelo kubo,ngoku baphumile besenza kum iDua? U-ALLAH uyafunga ngobungangamsha Bam noZuko lwaM, ngoBubele nokuphama benqanaba Lam, Inene ndizakuyomnkela imithandazo yabo (Duas). Emva athi u Allah "Chithakalani Ndinixolele nonke kwaye endaweni yezono

### INTSUKU EZINTANDATHU ZOKUZILA ZESHAWWAL

Kuyinto entle ukuzila intsuku ezintandathu kwinyanga yeShawwal. Kananjalo uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wagxininisa KwiiHadith eziliqela ukubaluleka kokuzila ezontsuku.

KwiHadith uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi: Lowo uthi azile ukutya ngenyanga yeRamadhaan emva koko alandele ngentsuku ezintandathu kwinyanga yeShawwal, lowo wenza oko ngoko mvuzo ufana nalowo uzile unyaka wonke." (Targheeb)

URasoolullah Sallallahu alayhi wasallam wathi kwenye iHadith: Lowo uthe wazila ngenyanga yeRamadhaan ngaphezulu koko azile intsuku ezintandathu kwinyanga yeShawwal, uyahlanjululwa esonweni njenga lo mhla wathi wazalwa ngawo." (Targheeb)

### Please Note:

\* I intsuku zintandathu ze Shawwal Umntu angazizila ngokulandelelana okanye ngokwahlukeneyo.

\* Amabhinqa wona kufuneka aqale ngokubuyisa iintsuku zeRamadhaan ukuba kukho ebebeziphosile, phambi kokuba bazile ezintsuku zintandathu.

## XHOSA TAFSEER CLASSES

PORT ELIZABETH | JUNE 2019 | Males and females  
Conducted by Al Hidayah Centre

Masjid Zikrullah, Ngadla Street, Motherwell  
🕌 23 • 30 June | Sundays after Zuhr  
Al Fidaa Musalla, Marikana  
🕌 17 • 24 June | Mondays after Maghrib  
Kwazakhele Jamaat Khana, Vuku Street  
🕌 18 • 25 June | Tuesdays after Maghrib

# MUHSIN: NGUBANI LOWO

Xa sijonga kwiHadith sifumana le nkcazelo malunga nelona nqanaba liphezulu le Imaan:

Kukuba unqule u Allah ngokungathi uyambona, ukuba akukwazi ukwenza oko Ngokuqinisekileyo yazi ukuba Yena uyakubona.” (Bukhari and Muslim)

Lowo uthi enze izenzo zakhe enale ngcamango ubizwa ngokuba yiMUHSIN. Kwaye kufuneka ukuze igqibelele angayeki ukwenza izinto ezilungileyo kwaye angenzi umsebenzi ongagqitywanga.

UAllah uyalele I (Ihsaan) ukugqibelela kwizinto zonke. Kengoko ukuba uyabulala, bulala kakuhle; ukuba uyaxhela, xhela kakuhle. Lola imela yokuxhela khona ukuze isilwanyana singafumani ntlungu.” (Muslim)

Nayiphi iMuslim eyenza i-Ihsaan iba ngumntu onoxanduva nonesimilo esiphezulu, kuba kaloku xa esenza into uyenza ngeyona ndlela ingcono kwaye enomdla, kuba rhoqo ufuna ikhwalithi ngokugqibeleleyo kwinto ayenzayo.

UmProfethi uYosefu Alayhi Salaam siyabona indlela eyayi nxalenye yakhe le khwalithi ye-Ihsaan kuSurah Yusuf:

## a. UAllah uthi:

Kwaye uYosefu wathi xa efikelela endaweni Bakhe, Samnika amandla okugweba onolwazi. Njalo yindlela esivuzayo ngayo abo benza okulungileyo (Muhsineen).”

## b. UAllah uthi malunga noYosefu ALAYHI SALAAM:

“Sinika inceba yethu lowo Sithande ukumnika, kwaye asikuvumeli ukuba umvuzo wabo benza okulungileyo (Muhsineen) ukuba ulahleke.”

## c. Entolongweni amabanjwa athi malunga namaphupha awo:

“Sixelele malunga nenkcazelo (yamaphupha yethu), kuba sikubona njengomnye wabo benza okulungileyo (Muhsineen).”

## d. Abantakwe boYosefu Alayhi Salaam bathi kuye nasekubeni bengamomnkeli ncam njengokuba mntakwabo:

Owu Mlawuli, yena utata wakhe mdala, kengoko thabatha omnye wethu endaweni yakhe. Inene sikubona njengomnye wabo benza okulungileyo (Muhsineen).

## e. Ekugqibeleni kwebali likaYosefu bathi abantakwabo kuye:

“Ingaba ngenene unguYosefu?!” Waphendula wathi “Ndingu uYosefu, Lona ngumntakwethu. UAllah ngenene uAllah usenzelele (favoured us). Inene lowo umoyikayo u Allah kwaye anyamezele, Inene u Allah akakuvumeli ukuba umvuzo wabo benza okulungileyo (Muhsineen) ukuba ulahleke.”

## Qaphela kwezi vesi Ukuba uYosefu Alayhi Salaam uchazwa ngokuba yiMuhsin:

A: Zizizalwane zakhe nabo bangazizo Zizizalwane zakhe;

B: Kwimeko zombini (eyobu ethe ethe) Entolongweni kunye nakwi meko yokomelela (ebhotweni lobu Kumnkani).

C: Ngabantu kunye noMdali!

Lo ngumzekelo womntu okungileyo ngokupheleleyo (Ihsaan) abangakuvumeliyo ukutshintsha kwimeko zobomi ukuba zibatshintshe, koko kuzo zonke imeko undoqo kubo: Kufuneka ndiziphathe njani kule meko khona ukuze ndizokubalwa nabo benza okulungileyo ngokupheleleyo (Muhsin) kwimeko yonke?

# UBULUNGISA BAKHE

U-UTHMAN RADHIALLAHU ANHU waye ngumntu olungileyo kakhulu kwaye emoyika u-Allah. Waye yazi iKurani ngentloko kwangexesha lokuphila lukaRasoolullah Sallallahu alayhi wasallam. Wayedla ngokufunda iKurani yonke kwiRakaat enye yomthandazo.

Ngenxa yobulungisa bakhe uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam watshatisela iintombi zakhe ezimbini (uRuqayya no-Ummi Kulthoom RADHIALLAHU ANHUMA) ngamaxesha ohlukeneyo kungenxa yoko wayesaziwa ngokuba ngu Zhoo Noorayn (ntetho ethetha umntu onokukhanya okubini).

## Amazwi ka Uthman RadhiAllahu Anhu

Iirhuluneli zifana nabelusi, Njengokuba abelusi bejikeleza khona ukuze bakhusele imihlambi yabo, ngokunjalo iirhuluneli kufuneka zibe noxanduva olunjalo.” Kwakhona iirhuluneli kufuneka abahlali kufuneka zibaphathe ngovelwano nangoku thambileyo. I IKurani ehlabathini esiyifundayo kungenxa yokuququzelela kwakhe ukuba iqokelelwe ibe yincwadi enye njengokuba siyibona, kungenxa yoko wafumana itayitile ka “Jamiul Quran” (ngokuhlenganisa kwakhe iKurani ukuba ibe ngumqulu omnye. Ngenxa yokuthanda kwakhe iKurani u-Allah wenza ukuba abahlaseli bakhe bamhlasele efunda iKurani.



# INSIGHT INTO FIQH DIFFERENCES IN QURBANI BETWEEN THE SHAFI AND HANAFI MATHABS

Kwezi Sahluko sizakufumana umahluko phakathi kweShafi ne Hanafi Mathab malunga nemithetho yeQurbani

## 1) Status

Shafi: Ukwenza iQurbani kuyiSunnah Muakkada.

Hanafi: Ukwenza iQurbani kuWajib.

## 2) Validity

Shafi: Kuyi Sunnah Muakkada alal Kifaya. Ukuba umntu omnye endlwini uyenzile iQurbani, akuyomfuneko kwabanye ukuba bayenze.

Hanafi: Ilungu ngalinye elinayo imiqathango efunekayo khona ukuze kunyanzeleke ukuba uxhele kufuneka lenze iQurbani ngalinye.

## 3) Qadha

Shafi: Ayikho iQadha kwiQurbani.

Hanafi: Kufuneka unikezele ixabiso le gusha yalo Qurbani uyiphosileyo.

## 4) Period

Shafi: Ixesha le Qurbani liqalisa nge10 yeZulHijja xa ixesha eloneleyo ukwenza I Eid Salaat, iiRakaats ezimbini kunye neeKhutba ezimbini ligqitha. Lithabatha iintsuku ezine uyokutsho ukutshona kwelanga ngomhla we13yeZulHijja.

Hanafi: Ixesha leQurbani liqalisa ukuphuma kwelanga ngomhla we10ZulHijja emaphandleni apho ingekhoyo I Eid Salaat, ukuze liqalise emva kwexesha Eid Salaat yokuqala ezilokishini, uyokutsho ukutshona kwelanga ngomhla we12 yeZulHijja. Ithabatha iintsuku ezintathu.

## 5) Age of animal

Shafi: Igusha ubudala kufuneka bube ngaphezulu

komnyaka omnye.

Hanafi: Igusha ubudala ukuba Igusha ukuba ityebile ubudala ningaphulukani June nyanga ezintandathu ukuba inkangeleko yayo ingathi yeyonyaka. Ibhokhwe kufuneka ibene nyaka nangaphezulu.

## 6) Tasymiya

Shafi: Sunnah ukuyifunda. Ukuba umntu akayifundanga, hayi kuba eyidelela, eso silwanyana siyakuba Halaal.

Hanafi: KuWajib ukuyifunda rhoqo uxhela.

## 7) Meat

Shafi: Esixa esithile senyama kuWajib ukwenza UMnikelo ngaso. Inyama kufuneka inikwe amaMuslim kuphela.

Hanafi: Akukho Wajib ukwenza UMnikelo ngenyama, kwaye inyama inganikwa abantu abangengawo amaMuslim.

## 8) Takbeer Tashreeq

Shafi: IyiSunnah ukuyenza emva kwayo yonke imithandazo kwintsuku zeTashreeq.

Hanafi: IWajib emva kwayo yonke imithandazo eFardh kwiintsuku zeTashreeq.

## 9) Number of vessels to be cut

Shafi: Mibini imithambo ekufuneka isikiwe, ummizo kunye noqhoqhoqho. Ukuba le mithambo mibini isikiwe isilwanyana sibaHalaal nokuba eminye imithambo ayisikwanga.

Hanafi: Kufuneka imithambo emithathu ubuncinane esemqaleni isikwe khona ukuze isilwanyana sizokuba Halaal.

*Source: Islamic Focus*

## MOTIVATION

# ICEBISO LIKA ADAM (ALAYHI SALAAM)

U-Adam Alayhi Salaam wacebisa unyana wakhe uSheeth (alayhi salaam) malunga nezinto ezintlanu, kwaye wamxelela ukuba ezongcebiso azidlulisele kwisizukulwana sakhe:

1: Musa ukoneliseka lelihlabathi nobomi balo. U-Allah Ta'ala azange ayithande into yokuba ndoneliseke yiParadesi (nasekubeni iParadesi ingcono kuneli hlabathi) koneliseka oko kwabangela ukuba ndibe ndiyakhutshwa apho (eParadesi).

2: Musa ukwenza into ngokweminqweno yabafazi. Mna ndatya emthini endandingavunyelwanga kuwo ngenxa yokulandela umfazi wam ekubeni ndihlazeke (ngokuthi

ndikhutshwe eParadesi (Jannat).

3: Phambi kokuba wenze nayiphi into cingisisa iziphumo zayo, Ukuba ndandenze njalo ngendi ngazange ndihlazeke eJannat.

4: Hlalela kude kuyo nayiphi into ebangela ukuthandabuza nokoyika entliziyweni. Ngexesha ndandisitya emthini endandingavunyelwanga kuwo ndoyika entliziyweni, kodwa azange ndilihoye (eloloyiko).

5: Phambi kokuba wenze nayiphi na into qala wenze imboniswano nabakrelekrele (abonolwazi). Nam ukuba ndandenze imboniswano neeNgelosi, ngendingazange ndibe ndikwezintloni ndikuzo.

# IMIBUZO NEEMPENDULO

**Q: Ukuba umntu utyile ngokulibala ezile ukutya, ingaba ukuzila kwakhe kuyophuka na?**

A: Ukuzila akophuki ukuba umntu utye okanye wasela elibele ukuba uzilile.

**Q: Umthetho uthini malunga nomntu ongaziliyo ngenyanga yeRamadhaan ngaphandle kwezi athi esomnkelekileyo kwiShariah kwaye atyele embonakalweni?**

A: Ukuzila yenye yeempawu ezigqamileyo ze-Islam. Ukutya okanye ukusela esidlangalaleni ngeRamadhaan kuyafana nokuba uyalidelela oluphawu lugqamileyo lwe-Islam, ukwenza oko sisono esikhulu. Ukuba umntu akazili ngeRamadhaan uyatya uyasela kodwa eso senzo sakhe usithabatha njenge sono ngenxa yobuthathaka be Imaan wenza oko, lo mntu wenza isono esikhulu kodwa uhlala eyiMuslim. Ukuba ukholelwa ukuba akuso sono ukutya okanye usela ngeRamadhaan, lo mntu ngenxa yokujongela phantsi enye yeempawu ezigqamileyo ze-Islam uyaphuma kwinkolo ye-Islam. (Ahsanul Fataawa)

**Q: Ukuba umntu ngenxa yokugula akakwazi ukuzila. Kufuneka eyibuyekeze njani ukuzila kwakhe kweentsuku aziphosileyo?**

A: Umntu ogulela ukufa kwaye akakwazi ukuzila, kufuneka enze imbuyekezo yokungakwazi ukuzila, ngokuthi anikezele ifidya yosuku ngalunye angakwazi ukulizila. Umlinganiselo we Fidya uyalingana noweSadaqatul Fitr. Ukuba uthe wachacha kokokugula, kulunyanzelo kulo mntu ukuba enze iQadha yezo ntsuku zokuzila aziphosileyo. (Ahsanul Fataawa)

**Q: Ingaba umntu oneswekile Kuvumelekile na ukuba asebenzise isitofu se- insulin xa ezilile, xa eyisebenzisile kuyophuka ukuzila?**

A:Ukuhlaba isitofu se- insulin akukophuli ukuzila,kodwa ukuba eso isitofu sifakwe nqo esuswini ukuzila kuyophuka.

**Q: Kuvumelekile na ukusebenzisa I toothpaste okanye I**

**tooth powder xa uzile ukutya?**

A: Kuyinto engathandekiyo ukuzisebenzisa, kodwa ukuzila akophuki. (Jawaahirul Fiqh)

**Q: Kuvumelekile na ukuba umntu obhinqileyo ancancise usana xa uzilile?**

A: Ewe Kuvumelekile.


**Q: Ngenxa yokuba ndineswekile Andikwazi ukuzila. Ndingakubuyekeza okokuzila ndikuphosileyo?**

A: U Allah ubavumele abantu abaneemeko ezifanayo nalena yakho, ngokuthi benze imbuyekezo yezontsuku ungazi zilanga, ngokuthi wenze Umnikelo kumaMuslim ahluphekileyo. Umlinganiselo waloo mnikelo uyalingana nalowo we Sadaqatul Fitr. Lo mnikelo angawunikezela ekuqaleni kweRamadhaan okanye ekupheleni kwayo.

**Q: Kuvumelekile na kumntu onesifuba ukusebenzisa impompo yesifuba xa umntu ezilile**

A: Kucetyiswa ukuba uyisebenzise lo mpompo ngexesha leSehri okanye i-Iftaar. Kodwa ukuba uthe wahlaselwa sisifuba, kuvumelekile ukuzisebenzisa ukuzila kuzakophuka ngokuyisebenzisa, qha kuzakufuneka wenze iQadhaa.





## RECIPE

### DATE CAKE WITH CARAMEL SAUCE

Serves: 10 - 12 pancakes  
Cooking Time: 20 mins

#### METHOD

**Step 1:** Preheat oven to 180°C. Grease a 7cm deep, 22cm (base) cake pan and line base with baking paper.  
**Step 2:** Place dates and bicarbonate of soda in a heatproof bowl. Pour over boiling water. Allow to stand, uncovered, for 20 minutes or until dates are tender.  
**Step 3:** Using an electric mixer, beat butter, sugar and vanilla until pale and creamy. Add eggs, 1 at a time, beating well after each addition. Using a large metal spoon, stir in date mixture and flour. Mix until well combined.  
**Step 4:** Spoon mixture into cake pan. Bake for 40 to 45 minutes or until a skewer inserted into the centre comes out clean. Stand for 10 minutes before turning onto a wire rack.  
**Step 5:** Make caramel sauce: Combine sugar, cream, vanilla and butter in a saucepan over medium heat. Cook, stirring, for 3 minutes or until boiling. Reduce heat to low. Simmer for 2 minutes. Pour warm sauce over warm cake. Cut into wedges. Serve.

#### INGREDIENTS

250g pitted dates, chopped  
1 teaspoon bicarbonate of soda  
1 1/2 cups boiling water  
125g butter, softened  
3/4 cup brown sugar  
1 teaspoon vanilla extract  
2 eggs, at room temperature  
2 cups self-raising flour, sifted

#### CARAMEL SAUCE

1 cup brown sugar  
300ml thickened cream  
1/2 teaspoon vanilla extract  
60g butter, chopped

Published by Al Hidayah Centre Eastern Cape. This newsletter is distributed throughout the Eastern Cape. Contact us to advertise, or to support our projects on:

041 492 2773 Mon-Fri 8.30 am - 4.00 pm

041 492 2773 @Hidayah\_Centre hidayah\_centre Al Hidayah Centre info@alhidayah.co.za 18 Bonaventure Crescent, Salsoneville

